I Mbongi Ye Sizwe Jikelele: *Imvo Zabantsundu* (24 January 1928), page 4

**"1928"**

"Ngokuba xa ute wamvuma ngo mlomo wako ukuba yi Nkosi u Yesu wakolwa ngentliziyo yako ukuba u Tixo wayivusa kwabafileyo, wosindiswa." Roma 10:9

Nonyaka nje Mhleli ndinqwenela ukubandezela kumazwi endiwatete futi ebuzweni Umzi unxamele ukuzincama, unxamele ukuluncama nolutsha usiti, "Lugqibele ukonakala." Ndifuna ukuma ngapambili kwalonkolo kuwo lomnyaka, ndibonise ukuba amatemba okupila kwesizwe ase maninzi, ngako oko masingangxami ngokuzincama ngokwetu.

Kanjalo akufuneki nganto ukuba isizwe setu sifumane sinyakame sihlale ngakuba sibulawa zizizwe ezisitiyileyo, yindawo yetu ukuzambalaza nati ngokwetu, sijubalaze, singayekeli ekufeni Kulungile kananjalo ukuba nati ngoku senze "igalelo,"—inkwenkwe epikele ukuhlehla ngomva igalelwa yenye, kude kutetwe ngawokowayo kutiwe,—"kwedini nawe galela, iza kude ikwenzakalise lenkwenkwe." Nditsho futi ukuti u Krestu akakashunyayelwa kuti njengesizwe,— into esashunyayelweyo zizitete, namasiko, nenkolo yasema Ngesini,—u Krestu yena, hayi. Site ke ngenxa yalomasikosiko abo, sabamba wona, kuba esiza nabantu abate kuti bazisa u Krestu,—kulapo ke esikufumene kona ukufa kwetu. Ekubenikwenike ngezimini siyibona indima yomntu, siyibona eka Krestu,—sihlalele nina side sife??? Ewe, i Nkosi yona masiyibulele, kuba ebudengeni betu sinentambo esikululeyo kwezo zibe sibotshwe ngazo ngabafundisi, abona babopeleli, betu bokuqala,—ezizezi:

(1) Iqamesi lokubucekisa ubuhlanga esibubo, kwanenteto yetu, nenkosi zetu.
(2) Iqamesi "lolwaluko;" into leyo ecite kunene imizi yezikolo kuba kwakutiwa sisono esibi; zatsho zanda ityalike ezidolopini.
(3) Iqamesi "lekazi." Isono esasingalityalwa ukuncola kwaso; sacita abantu abaninzi naso, bapalalela kwasezi lokishini zedolopu.
(4) "Iqamesi lesitembu;" ngesisono abafundisi bacitacite imizi emininzi ezukileyo—kwalahlwa abafazi abanesidima, kunye nonyana babo abanengqondo,—bapalazelwa kwimbombo zone zehlabati. Waqala ke um Xosa waka umkanya.
(5) Iqamesi lokubutwa komzi wasema Nantsini, ngumfazazana otshate izolo, yafa indoda yake; emke nalo lonke elo lifa, aye kowabo nalo, okanye aye kwenye indoda nalo, kuba ilelake, ukuba utshatile ngo leveni.

Nditi ke, ebudengeni betu, iNkosi yetu ibe nati, sade sawakulula lamaqamesi, noko angekati wityi kube kanye, noko akasenam[a] ndla. Aye eseko amanye emasiwakulule nawo. Ukuba ke

lamaqamesi, i Nkosi isincedile saba nako ukuwatukulula, ayenje ubunzima nokunqaba kwawo,—nala asaseleyo akasenamandla aluto,—u Krestu masizifumanele, akanqabanga kuti kuba ngu Lowo kwafikwa obawo benqula Yena kakade,—Ngabula qalo lakwa Kayakulu

“ZENZELE! ZENZELE! ZENZELE!”

Matol’ amawaba, Amaxesh’ ahambile.
Zitetil’ inkwenkwezi zagqiba; Sikufundil’
ukubinza kwazo.
Namhl’ utwasil’ u 1928,— Makab’
utwasela nina ke?
Abafileyo basenonyaka wanina?

Lixesha lokulw’ imbopelelo
Imbopelelo zentshaba zetu Sikulul’
amaqin’ asemqaleni
Yinin’ ukude kuf’ isizw’ esingaka?
Yinin’ ukude lupel’ uhlang’ olungakanana?
Ngubanina lo wati nifile?
Naza nakolw’ ukuba ningabafi?

Pakama mfama ndin’ uzenzele!
U Krest’ ufunyanwa ngokuzenzela;
Abazenzelayo bayasindiswa;
Bayicukumis’ intshinga yengubo; Nonyaka
masisindiswe—bo.
Akuko sizatu sokungabi njalo:
Masisindiswe mawetu, sisinde!
Anikamvumi na nina ma Bele?

Anikamvumi na nina ma Hlubi?
Hina nina basema Zizini?
Tina kwa Palo kumzuzu sinaye!
Hina nina bakwa Malandela?
Nonyak’ u Yesu makavunywe!

Simvume ngokwesoko letu;

Simkonze ngokwendlela yetu;
Sizenzele kolo luwalala,
Ulo Ngub' enkul' esiyambatayo!
Zenzeleni madoda nani bafazi,—
Esi sisiteb' esingena njoli!
Zenzeleni nikup' ukufal!

Kade sityisw' oquwe noboqo!
Kade sinyakat' inyovu zenyengelezi!
Kade sihluhluz' imihluzi yemihlwazi!
Kade sinqab' inqudenqu zamaqungequ!
Ngade zipitselan' izisu zitshukule,—
Ngad' ulutsha lube nomnquma,—
Lunzonzoteke, lungcungcuteke,—
Lufumen' ukufa koyise nonina.
Pakamani namhla niyavuswa!
Ngegama le Nkosi mzi manisindiswe!
Pakamani nikup' ukufa!

*Nizenzele! Nizenzele! Nizenzele!!*